20. Emva koko abafundi bafanele ukutsiba imigca emi 3 ezincwadini zabo phambi kokubhala unobumba olandelayo.
21. Yenza ngolu hlobo ukusuka ku-Uu-Zz.
22. Nika abafundi imizuzu emi 3 okanye emi 4 okubhala oonobumba u- Uu-Zz
23. Qokelela iincwadi zabafundi.
24. Qinisekisa ukuba bonke oonobumba babhalwe ngokuchanekileyo kwiincwadi zabafundi phambi kwangoLwesine.

Isichazi-magama	
Uu	Xx
Vv	Yy
Ww	Zz

Ukumaka:

1. Nika abafundi indlela ingxelo eyakhayo ebhalwe phantsi kwiincwadi zabo. Ezi zingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama : Kuyancomeka.!
2. Sebenzisa irubhrikhi xa uhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Ukushiya Izithuba	Umfundi akatsiban-ga imigca emine phakathi koonobumba. Umfundi usebenzise indawo encinane ephepheni.	0	Umfundi utsibe imigca emihlanu phakathi koonobumba. Umfundi usebenzise iphepha lonke njengokuba eyalelwe.	1		
Oonobumba (Lwesibini)	Umfundi ufumana ubunzima xa ebhala oonobumba.	1	Umfundi ubhale oonobumba abaliqela ngokulandelelana kwabo, unokulibala okanye axube oonobumba abancinane nabakhulu.	2	Umfundi ubhale bonke oonobumba, abancinane nabakhulu ngokulandelelana kwabo.	3
Amagama (Lwesine)	Umfundi akabhalan-ga magama okanye uwabhale nje ephepheni.	1	Amagama abekwe ngaphantsi konobumba ochanekileyo kodwa akhutshelwe ngokungafanelekanga, OKANYE amagama akhutshelwe kakuhle kodwa abekwe ngaphantsi konobumba ongenguwo.	2	Amagama abekwe ngaphantsi konobumba ochanekileyo. Amagama akhutshelwe ngokuchanekileyo.	3
Inkcazelo	Umfundi akabhalanga nkcazelo OKANYE inkcazelo yakhe ayivakali.	1	Umfundi unike inkcazelo elula okanye umfanekiso ukukhumbula igama.	2	Umfundi ubhale waze wazoba inkcazelo yegama ezakumnceda akhumbule intsingiselo yegama.	3



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4

15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sindwendwelwa ngumongikazi.

Page: 18-19



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound

Sound **ntw**

10 min

Phonic Words

intwazana abantwana entweni intwala intwana



Group Guided Reading

Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting practice


Letter **ntw**

15 min

Handwriting Words

Umntwana Abantwana Intwala intwana

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

Abantwana bacela intwana yobusi.



Group Guided Reading

Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sindwendwelwa ngumongikazi.

Page: 18-19



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **ntw**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukufakela igama kwizichazi magama zabo

Izixhobo Ezifunekayo:

- lincwadi neepensile zabafundi

Ukuzilungiselela:

- Bhala amagama akho amathathu ebhodini.
- Zoba iphepha lesichazi magama ebhodini.
- Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule nganyameko.
- Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto engafunekiyo phezu kweedesika.
- Qinisekisa ukuba abafundi baneencwadi neepensile zabo.

Umfuziselo:

1. Yithi:

- NgoLwesibini, senze izichazi magama zethu.
- Namhlanje sizakufunda indlela yokufakela amagama kwizichazi magama zethu.
- Izichazi magama zethu zizakusinceda sikhumbule amagama abalulekileyo.
- Izichazi magama zethu zizakuba zizixhobo ezitsha esinokuzisebenzisa sibengababhali abagqamileyo.
- Namhlanje sizakufakela la magama kwizichazi magama zethu: (uyacelwa ukuba ukhethe amagama ama 3 OONOTSHELUZA beveki)

mna

i

no / kwakunye

- Xa sifakela igama kwisichazi magama sethu, sijonga UNOBUMBA WOKUQALA wegama ngalinye.
- Masijonge igama “mna.”
- 2. Buza abafundi: Liqala ngomphi unobumba igama elithi “mna”?
- 3. Vumela abafundi ukuba baphendule bathi: ‘m’.
- 4. Yithi:
 - Kufanelekile, “mna” uqala ngonobumba u ‘m’.
 - Loo nto ithetha ukuba kufanele ukuba sifakele u “mna” kwisithuba samagama onke aqala ngo ‘M’.
 - Kufuneka ukuba sifumane apho sibhale khona unobumba u ‘Mm’ kwizichazi magama zethu.
- 5. Yalela abafundi ukuba bavule izichazi magama zabo baze bafumane unobumba u ‘Mm’.
- 6. Yalela abafundi ukuba bakhombe unobumba kwiincwadi zabo xa bemfumene.

Isichazi-magama	
Kk	Pp
Ll	Qq
Mm	Rr
me	
Nn	Ss
nne	
Oo	Tt

7. Hamba hamba eklasini ukhangele ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo na.
8. Xelela abafundi ukuba bafanele ukufakela igama “mna” ngaphantsi konobumba u ‘Mm,’ ngolu hlobo.
9. Sebenzisa UMFUZISELO xa uphinda phinda amanyathelo 4-9 ngamanye amagama amabini owakhethileyo.
10. Xelela abafundi ukuba bangafakela nemifanekiso emincinane xa befuna ukukhumbula intsingiselo yegama.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



Listening and Speaking

Poster discussion

IMIDLALO NABAHLOBO

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Discussion

Ingxoxo (Imibuzo neempendulo ezilindelekileyo)

1. Baphi aba bantwana? (Basesikolweni.)
2. Ingaba ucinga ukuba kuxesha phi ngoku?(Kusemva kwemini.)
3. Kutheni ucinga njalo nje? (Kukho uphawu oluthi "Aftercare"oluthetha ukuba bajonga abantwana ukuphuma kwesikolo. Abantwana bayadlala, abenzi msebenzi wasikolo.)
4. Yeyiphi imidlalo eyahlukeneyo edlalwa ngabantwana? (Ibhola ekhatywayo, ibhola yomnyazi,ugqaphu,badlala ngezixhobo zokudlala / ngeethoyi, bayafunda, badlala kwindawo enesanti, bayakhala, badlala imidlalo.)
5. Ngowuphi umdlalo onofuna ukuwudlala, nika isizathu. (Nayiphi na impendulo elindelekileyo.)

UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Ukuthetha ngamava abanawo, umzekelo bathetha ngeendaba zabo nabahlobo babo.

Iziphumo zesifundo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukubonakalisa:

- Ukuthetha ngamanqaku amathathu eendaba okanye ngaphezulu enzeke kubo xa benabahlobo babo.

- Ukufunda nokuziqhelanisa nezakhono zokuthetha ezifanelekileyo.
- Ukuphulaphula koogxa babo xa bechaza into.

Izixhobo Ezifunekayo:

Intetho elungisiweyo ngamava katitshala okwenza into nomhlobo.

Inkcazelo yesifundo:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli ezitafileni, qinisekisa ukuba akukho nto.
3. Njengatitshala, kufuneka wenze umfuziselo ekufuneka abafundi bawenze.
4. Lungisa izivakalisi ezi 3 okanye 4, uxelela abafundi ngento oyenze nomhlobo wakho.
5. Xelela abafundi:
 - Ukuba baxeke indatyana ngezinto abazenzayo nabahlobo babo.
 - Ndifuna ukuba nabelane ngeendaba zenu kunye nathi.
 - Khumbula, iindaba zizinto ezintsha nezonwabisayo ezenzeke kuwe.
 - Andifuni ubalise ZONKE iindaba zakho.
 - Ndifuna ungqale kwizinto ezintathu okanye ngaphezulu ezonwabisayo ozenze nomhlobo wakho.
 - Masivale amehlo ethu sicinge ngale nto.
6. Emva koko, xelela abafundi ukuba baphulaphule xa ubabalisela iindaba zakho ngezinto ozenze nomhlobo wakho:

Ngempelaveki ndidibene nomhlobo wam. Sasiye ezivenkileni sobabini. Umhlobo wam wathenga impahla ezintle. Mna ndathengela umzi wam imethi entsha. Saze satya isidlo sasemini sobabini. Wandibalisela ukuba umakhulu wakhe akaphilanga, saze sahamba sobabini saya kundwendwela umakhulu wakhe. Yayiyimini emyoli.

7. Xelela abafundi ukuba baxeke indatyana ngezinto abazenzayo nabahlobo babo.
8. Abafundi mabazame ukuthetha ngezinto ezi 3 ubuncinane abazenze nabahlobo babo.
9. Cacisa kubafundi ukuba kwizifundo ezi 3 ezilandelayo zokuPhulaphula Nokuthetha uzakumamela umfundi ngamnye ebalisa indaba zakhe, abemnye ngexesha.
10. Xelela abafundi ukuba baphakamise izandla zabo ukuba bafuna ukuthetha ngeendaba zabo.
11. Khetha umfundi abemnye ngexesha.
12. Kufuneka umamele kubafundi abali-12, ngoko qiniseka ukuba umfundi ngamnye uthetha malunga nemizuzu emi -2.
13. Xelela abafundi ukuba xa ilithuba lomfundi ngamnye, bafanele ukwenza oku kulandelayo:
 - a. Bathethe ngokuvakalayo nangokucacileyo.
 - b. Bazame ukuma bengagungqi.
 - c. Basebenzise inkangeleko / iimvakalelo kumazwi abo, ukuze bavakale besonwabisa.
 - d. Bangaziphinda phindi xa bethetha – bathethe ngenqaku ngalinye kubekanye.
 - e. Bazame ukubalisa iindaba ngokulandelelana kwazo.
14. Cacisela iklasi ukuba kubaluleke kakhulu ukuba bazole xa behleli kwaye baphulaphule ngenyameko xa kukho umntu othethayo.

Ukumaka:

1. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo xa uhlola umfundi ngamnye.
2. Phawula / Rekhodisha iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye aphulaphula nathetha ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Izakhono zokuthetha ngokubanzi	Umfundi ufumana ubunzima xa ephulaphule okanye uhamba hamba kakhulu eklasini.	0	Umfundi uyavakala xa ethetha kwaye uzolile ixesha elininzi.	1	Umfundi uthetha ngokucacileyo, ngokuvakalayo nangokubonakalayo. Umfundi uzolile.	2
Iimfuno zomsebenzi: Balisa iindaba zento owawuyenze nomhlobo wakho	Umfundi ubalise iindaba kodwa bezingahambelani nesihloko. Iindaba bezingalandelelani ngokuchaneki - leyo kwaye umfundi ebeziphinda phinda xa ethetha.	1-2	Umfundi ubalise inqaku e 1-2 eendaba kwisihloko esichanekileyo. Iindaba bezingalandelelani OKANYE umfundi ebeziphindaphinda xa ethetha.	3-4	Umfundi ubalise amanqaku amathathu ubuncinane eendaba kwisihloko esichanekileyo. Bezilandelelana iindaba kwaye umfundi akaziphinda phindanga xa ebalisa.	5-6
Izakhono zokuphula phula	Umfundi usoloko en-gxola okanye uphazamisa abanye abafundi xa bethetha.	0	Umfundi uyangxola ngamanye amaxesha okanye aphazamise abanye abafundi xa bethetha.	1	Umfundi uthule ixesha elininzi, uphulaphula ngenyameko kwaye uyazola xa abanye bethetha.	2

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 1 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **nt, ntw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. into	6. intwazana
2. intombi	7. abantwana
3. intaka	8. entweni
4. intaba	9. intwala
5. intente	10. intwana

Dictation Sentence

Abantwana babone intaka entabeni yaze yabalekela ententeni eneentambo ezintathu.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye

DBE

Amaphepha:

4, 8, 9



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sindwendwelwa ngumongikazi.

Page: 18-19

COMPREHENSION:
Questions
Sindwendwelwe ngubani isikolo?
Bekutheni ukuze lifike olu ndwendwe esikolweni?
Kutheni uMariya efuna izipekisi?
Ingaba uhlala ngasemva eklasini uMariya?
Ucinga ukuba kutheni umongikazi efuna bafunde okubhalwe eludongeni.
Answers
Ngumongikazi.
Beliyokuxilonga amehlo abafundi.
Kuba akaboni kakuhle.
Hayi, uhlala ngaphambili eklasini uMariya.
Ufuna ukuxilonga amehlo abo, abone ukuba babona kakuhle na eludongeni.

WEEK 4

Week Four ΜΕΓΕΤ ΕΟΝΤ

Teach with passion, commitment and kindness, and you will change lives.



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **nk**

10 min

Phonic Words

inkomo inkamela inkabi inkunkuma inkawu



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice


Letter **nk**

30 min

Handwriting Words

iinkobe inkungu inkamela inkathazo

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

linkomo neenkawu zihlala emakhayeni azo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

andikuthandi umsebenzi ekhatywayo
ndiyamfundela



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **nk**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE
Amaphepha: 24,43



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuzoba umfanekiso ukudlulisa umyalezo
- Ukubhala izivakalisi ezithathu ubuncinane ngeendaba zabo
- Ukubhala igama besebenzisa izandi ezifundisiweyo
- Ukwakha izichazi magama zabo.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe
- Incwadi zabafundi neekhrayoni

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto engafunekiyo phezu kwedesika.
3. Bhala ebhodini: lindaba: into entsha, eyonwabisayo, okanye enika umdla.

Umfuziselo:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje , abafundi baza kubhala ngeendaba zabo.
2. Buza abafundi: Ingaba uyazazi "iindaba " na?
3. Vumela abafundi aba 2-3 baphendule lo mbuzo.
4. Yithi: lindaba zizinto ezintsha, ezinika umdla, okanye ezonwabisayo ezenzekileyo.
5. Cacisa ukuba ababhali baza kubhala ngabo, kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
6. Cacisa ukuba uzakucinga ngeendaba zakho ngaphambi kokuba uzibhale, kuba ABABHALI

BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.

7. Yithi: Ndiyayazi bendityelele umakhulu wam.
8. Cacisa ukuba uzakukhetha into encinane eyenzekileyo nenika umdla, kuba ABABHALI BANGQALA KWINTO ENYE ENCINANE.
9. Yithi: Ndiyayazi! Ndizakubhala ngexesha endithe ndaphuma ngalo eteksini, umakhulu wam wayendilinde neentyatyambo.
10. Sebenzisa UMFUZISELO xa uzoba ngamava akho. Fundela iklassi eli bali ngotyibiliko:
11. Cacisa ukuba, namhlanje, ababhali bazakufakela amagama kwimizobo yabo, kuba ABABHALI BATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
12. Namhlanje sizakubhala izivakalisi ezibini ngokwenzekileyo.
13. Yithi: Namhlanje uzakusebenzisa izandi zoonobumba xa uzama ukubhala amagama owaziyo.
14. Cacisa ukuba namhlanje, sizakuzama into entsha. Namhlanje SIZAKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO size sibhale zonke izandi esizivayo.
15. Yithi: Ndifuna ukubhala amagama: Umakhulu wam wayelindle. Wandinika iintyatyambo.
16. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
17. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa ababhali indlela YOKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO baze babhale izandi abazivayo.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Yithi: ngoku lithuba lenu lokuba ngababhali.
2. Namhlanje nizakubhala ngeendaba zenu. Khumbula iindaba zizinto ezintsha, ezonwabisayo nezinika umdla.
3. Namhlanje nizakuCINGA PHAMBI KOKUBA NIBHALE.
4. Cinga ngento encinane eyenzeke kuwe kowenu / ekhaya, kuba ABABHALI BANGQALA KWINTO ENYE ENCINANE..
5. Khumbula, kufuneka ubhale ngawe kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
6. Yalela abafundi ukuba bacimele baze bacinge.
7. Yalela abafundi aba 2-3 ukuba babelane ngezimvo zabo nabanye abafundi.
8. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
9. Xelela abafundi ukuba BAFAKELE "iindaba" KWIZICHAZI MAGAMA ZABO.
10. Cacisa ukuba ababhali bafanele ukutyhila kwiphepha lokuqala elingabhalwanga kwiincwadi zabo.

Bhala / Okubhalwayo:

1. Hamba hamba eklassini ukhangele ukuba ababhali batyhile kwiphepha elichanekileyo na.
2. Yalela abafundi ukuba baqale ngokuzoba imifanekiso

yabo.

3. Khumbuza abafundi ukuba bazame bafakele izivakalisi ezibini kwimizobo yabo besebenzisa izandi abazaziyo, kuba ABABHALI BATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
4. Khumbuza abafundi ukuba BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA baze babhale izandi abazivayo.
5. Hamba hamba eklasini uze wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
6. Ngexesha lodliwano ndlebe, nceda abafundi BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO baze babhale zonke izandi abazivayo.
7. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane yalela abafundi ukuba bakufundele abakubhalileyo, kuba ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO.
8. Ngethuba uhamba hamba, KHUTHAZA ABABHALI.
9. Xa abafundi bezobe ithuba elingangemizuzu engama 20, baxebelele ukuba bayeke ukuzoba. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Example



Ukumaka

1. Nika abafundi ingxelo ebhalwe phantsi kwiincwadi zabo. Ezi zingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama : Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi xa uhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Ubhala izivakalisi ezi 2.	Umfundi akabhalanga izivakalisi ezibini OKANYE izivakalisi aziphelelanga.	0	Umfundi ubhale izivakalisi ezibini ezipheleleyo.	1		
Umfanekiso	Umfanekiso awuphelelanga okanye awunazinkcukacha.	1	Umfanekiso uphelele kwaye unazo iinkcukacha ezithile.	2	Umfanekiso uphelele kwaye ubonakalisa iinkcukacha.	3
Ubhala amagama esebenzisa izandi ezifundiweyo	Umfundi akazamanga nokuzama ukufakela amagama kumfanekiso wakhe.	1	Umfundi ufakele oonobumba abathile kumzobo wakhe. Oonobumba aba-hambelani nezandi zegama.	2	Umfundi ubize amagama esebenzisa izandi azifundileyo. Amagama asephepheni abonisa ukuba umfundi ubize igama ngokucotha waze wabhala izandi eziviweyo.	3
Usebenzisa ubuchule	Umfundi ukope ebhodini okanye komnye umfundi.	1	Umfundi unengcinga engundoqo. Umfundi ubonakalisa ubuchule obuthile xa ezoba naxa ebhala.	2	Umfundi uneengcinga ezingundoqo nezibonakalisa ubuchule. Umfundi ubonisa ubuchule nokuzicingela eyedwa xa ezoba naxa ebhala isivakalisi.	3



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4
15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Masenze umsebenzi wasekhaya

Page: 26-27



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound

Sound **nk**

10 min

Phonic Words

inkwenkwe amakhwenkwe inkwenkwezi uNkwali
uNkwinti



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting practice


Letter **nk**

15 min

Handwriting Words

Inkwenkwe Amakhwenkwe inkwenkwezi

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

Amakhwenkwe abala iinkwenkwezi.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Masenze umsebenzi wasekhaya

Page: 26-27



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **nk**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukufakela isivakalisi esinye kumfanekiso
- Ukuthetha ngemifanekiso yabo xa begqithisa umyalezo
- Ukufunda amagama anezandi abawabhalileyo
- Ukufakela amagama kwizichazi magama zabo

Izixhobo Ezifunekayo:

- Iincwadi zabafundi ezinemizobo yangoLwesibini.
- Umzobo wakho nezivakalisi ezibini zangoLwesibini, zibhalwe ebhodini

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto engafunekiyo ezidesikeni.
3. La magama alandelayo, mawabhalwe ebhodini:
uvuyile / uchwayitile ulusizi
unomsindo / ucaphukile wonwabile
unomona
udanile

Umfuziselo:


1. NgoLwesibini, sibhale ngeendaba zethu. Sibhale izivakalisi ezimbini ngento eyenzekileyo.
2. Cacisa ukuba, namhlanje sizakufakela / sizakongeza isivakalisi esinye xa sichaza indlela esiziva ngayo kwiindaba zethu.

3. Khomba amagama owabhale ebhodini.
4. Cacisa ukuba la magama ngamagama achaza iimvakalelo. Cacisa intsingiselo yegama ngalinye.
5. Yithi: Namhlanje , sizakubhala ngendlela esizive ngayo xa bekusenzeka iindaba zethu.
6. Xelela abafundi ukuba bafunde imibhalo yabo kuba ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO.
7. Khomba kumfanekiso wakho. Fundela iklasizivakalisi ngokuvakalayo.
8. Cacisa ukuba uzakufakela isivakalisi sakho ke ngoku.
9. Cacisa ukuba uzive WONWABILE xa ubona umakhulu wakho.
10. Bhala isivakalisi: Ndizive ndonwabe kakhulu.
11. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
12. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa abafundi indlela yokongeza isivakalisi.
13. Cacisela abafundi ukuba xa benalo ixesha, bangongeza esinye isivakalisi.
14. Yithi: Ndizakongeza esinye isivakalisi ngendlela umakhulu wam azive ngayo.
15. Yithi: Umakhulu wam uzive evuyile / echwayitile.
16. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
17. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa abafundi indlela yokongeza /yokufakela isivakalisi.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi ukuba batyhile kumsebenzi wabo wangoLwesibini.
3. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakufunda imibhalo yabo kuba ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO.
4. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukufakela / ukongeza isivakalisi esinye okanye ezimbini ngeemvakalelo zabo.
5. Ekupheleni kwesi sifundo, yalela abafundi ukuba BAFAKELE / BONGEZE amagama abonakalisa iimvakalelo KWIZICHAZI MAGAMA ZABO.
6. Ngethuba abafundi bebhala, hamba hamba UKHUTHAZE ABABHALI.
7. Xa kuphela isifundo, qokelela iincwadi zabafundi

Example





Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **8**
15 min



Listening and Speaking

Poster vocabulary

IMIDLALO NABAHLOBO

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Vocabulary

Isigama (Uluhlu lwesigama esitsha)

1. Umzi wononophelo ogcina abantwana xa bephuma esikolweni.
2. Iveranda.
3. Indawo egcina isanti yokudlala abantwana.
4. Uggaphu.
5. Inethi.

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 3 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **nk, nkw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. inkomo	6. inkwenkwe
2. inkamela	7. amakhwenkwe
3. inkabi	8. inkwenkwezi
4. inkunkuma	9. uNkwali
5. inkawu	10 uNkwinti

Dictation Sentence

Amakhwenkwe abone iinkabi zenkomo neenkamela zihamba enkungwini.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye

DBE

Amaphepha: 12, 13



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo sesi 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Masenze umsebenzi wasekhaya

Page: 26-27

COMPREHENSION:

Questions

Yintoni angathandi ukuyenza uDan?

Kutheni engathandi ukwenza umsebenzi wesikolo ekhaya?

Uthini utitshala kaDan kubafundi bakhe?

Ingaba uyabafundela abazali bakho yonke imihla? Nika isizathu.

Yeyiphi imidlalo ethandwa kakhulu nguDan?

Answers

Ngumsebenzi wesikolo ekhaya.

Akathandi kuhlala ndawonye imini yonke/ ufuna ukudlala njalo.

Uthi mabafunde mihla yonke nokuba bakumakhaya abo.

Ewe / hayi (nesizathu esifanelekileyo)

Ukubaleka nebhola ekhatywayo.

WEEK 5

Do the best you can
until you know better.
Then when you know
better, do better.

Maya Angelou

[illegible][illegible]

Week

[illegible][illegible]



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **kh**

10 min

Phonic Words

ikhala kakhulu khetha khula ikhulu



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice


Letter **kh**

30 min

Handwriting Words

ikhala kakhulu khetha khula

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

Ukhula lukhula kakhulu xa isina imvula.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

namhlanje kuMatshi rhoqo mandihlale



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **kh**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE
Amaphepha: 43, 65



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuba negalelo kwibali leklasi ngeembono nezimvo
- Ukuphulaphula iimbono nezimvo zabanye abafundi.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ipowusta : Imidlalo nabahlobo
- Itshati yebali

Ukuzilungiselela:

1. Beka / xhoma ipowusta apho izakubonwa ngabo bonke abantwana.
2. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
3. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweetafile.

Umfuziselo:

- Xelesa abafundi: Namhlanje sizakuphulaphula size siyile ibali ngepowusta.
- Khomba kumlinganiswa oonogqaphu.
- Yithi: Lo nguPalesa. Ndizakunibalisela ibali endiliyilileyo ngaye.
- Funda eli bali ngotyibiliko nangokuvakalayo:

Ngosuku lwakhe lokuzalwa, eyona nto ebifunwa nguPalesa ngugqaphu. Kuthe xa kufika olo suku, umakhulu wakhe wamphathela ipasile eluhlaza enogqaphu omhle ngaphakathi. Namhlanje ibilusuku lokuqala apho uPalesa athe wawuphatha esikolweni. Ngexesha lezifundo, intsasa yonke, uPalesa ebecinga ngendlela ebevuye ngayo apho azokubonisa bonke abahlobo bakhe. Ikhalile intsimbi, lafika ixesha lokudlala ekugqibeleni! UPalesa utsibe kugqaphu wakhe amashumi amathathu emizuzu yonke!

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Xelesa abafundi: sigqiba kufunda ibali ngoPalesa. Ngoku sizakuyila ibali elitsha ngento esinika umdla kwipowusta.
2. Khumbuza abafundi ukuba bafanele ukuphakamisa izandla zabo xa befuna ukuthetha.
3. Buza abafundi: Yeyiphi eyona nto enika umdla oyibona kwipowusta?
4. Phulaphula iingcebiso / iimpendulo zabafundi.
5. Ninonke nabafundi, khethani into eninokubhala ngayo. Umzekelo: Abantwana abadlala umdlalo womnyazi.
6. Cela abafundi ukuba banike amagama aba bantwana badlala ibhola yomnyazi.
7. Yalela abafundi ukuba bacinge ngento eyenzeke phambi kokuba abantwana baqale ukudlala.
8. Vumela abafundi abohlukeneyo baphendule.
9. Thatha isigqibo kwisivakalisi sokuqala. Umzekelo: "UTau uphose ibhola kuShamiso." Biza isivakalisi ngokuvakalayo.
10. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
11. Sebenzisa UMFUZELO xa ubonisa abafundi indlela yokucinga ngesakhi ngasinye sesivakalisi.
12. Funda isivakalisi ngokuvakalayo.
13. Buza abafundi: Ucinga ukuba yintoni elandelayo ezakwenzeka?
14. Vumela abafundi abohlukeneyo bathathe inxaxheba.
15. Thatha isigqibo ngesivakalisi sesibini. Umzekelo: "UShamiso utsibele phezulu, kodwa akayifumenanga ibhola." Yitsho isivakalisi ngokuvakalayo.
16. Xa uthathe isigqibo ngezivakalisi, yenzela abafundi umfuziselo wokubhala ezi zivakalisi, usebenzise amanyathelo 9-12 kwakhona.
17. Buza abafundi: Yintoni elandelayo eyenzekileyo?
18. Vumela abafundi abohlukeneyo babe negalelo ngeembono nezimvo zabo.
19. Thatha isigqibo ngesivakalisi sokugqibela. Umzekelo: "UZethu uchole ibhola egqampayo waze wayiphosa enethini baze baphumelela inqaku." Yitsho esi sivakalisi ngokuvakalayo.

20. Xa uthathe isigqibo ngezivakalisi, yenzela abafundi umfuziselo wokubhala ezi zivakalisi, usebenzise amanyathelo 9- 12 kwakhona.
21. Xa ugqibile, funda ibali lonke nabafundi.
22. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
23. Ncoma abafundi ngokuyila eli bali.
24. Beka / xhoma ibali eligqityiweyo kwikona yokufunda.

Example

Utau uphose ibhola
kuShamiso. UShamiso
utsibele phezulu, kodwa
akayifumenanga. UZethu
uchole ibhola ebhampayo
waze wayiphosa eethini
baze baphumelela ingaku.

Ukhumaka:

1. Sebenzisa irubhrikhi xa uhlola umfundi ngamnye.
2. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Umsebenzi: Ukuthatha inxaxheba afakele izimvo xa kubhalwa ibali	Umfundi akazami nokuzama ukunikela ngezimvo.	1	Umfundi uyazama ukunikela ngezimvo. Izimvo ayizozakhe kwaye azifanelekanga.	3	Umfundi uthatha inxaxheba kwisifundo. Iingcinga zezakhe kwaye zifanelekile.	5
Izakhono zokuphulaphula:	Umfundi uthanda ukwenza ingxolo okanye uphazamisa abanye abafundi xa bethetha.	1	Umfundi wenza ingxolo ngamanye amaxesha okanye uphazamisa abanye abafundi xa bethetha.	3	Umfundi uzolile, kwaye uphulaphula ngenyameko xa abanye bethetha.	5



Group Guided Reading
Paired / Independent Reading



Group **4**
15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1
Title: limvavanyo
Page: 30-31



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **khw**

10 min

Phonic Words

khwela khwina amakhwenkwe ikhwapha ikhwelo



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice


Letter **khw**

15 min

Handwriting Words

khwela amakhwenkwe ikhwapha ikhwelo

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

Usana luyakhwina xa lukhwela kuloliwe.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Iimvavanyo

Page: 30-31



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **khw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE
Iphepha: 47



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala isivakalisi xa bebonakalisa iimvakalelo
- Ukuzoba umfanekiso xa egqithisa umyalezo

Izixhobo Ezifunekayo

- Ipowusta: Imidlalo nabahlobo
- Iincwadi zabafundi neekhrayoni
- Ibali elibhalwe nabafundi langoLwesibini

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwetafile.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakuphulaphula kwibali elibhalwe yiklasi ngoLwesibini.
2. Abafundi mabakhethe eyona ndawo bayithandileyo ebalini.
3. Abafundi mabaphulaphule ngenyameko ibali elo.
4. Fundela iklasi ibali ngokuvakalayo.

Umfuziselo:

1. Yithi: Kufuneka ndikhethe eyona ndawo ndiyithandileyo ebalini phambi kokuba ndibhale, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE

2. Khetha isivakalisi esinye ebalini, esinje: “UShamiso utsibele phezulu, kodwa akayifumenanga ibhola.”
3. Yithi: Ndizakubhala ngoShamiso ongayifumenanga ibhola.
4. Yithi: Ndizakubhala ngeemvakalelo zikaShamiso.
5. Yithi: Ndizakusebenzisa amagama eveki ephelileyo kwisichazi magama sam. Ndinga ukuba uShamiso uzive edanile. Ndiyalazi eli gama likwisichazi magama sam.
6. Sebenzisa UMFUZI SELO xa ubonisa indlela YABABHALI ABASEBENZISA IZIXHOBO.
7. Sebenzisa UMFUZI SELO xa ubhala isivakalisi: UShamiso uzive edanile.
8. Sebenzisa UMFUZI SELO xa uzoba umfanekiso wesivakalisi.

Imiyalelo ye-Orali

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Xelela abafundi ukuba bacinge ngento abazakuyibhala, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
3. Xelela abafundi ukuba bafanele ukubhala isivakalisi malunga neemvakalelo zomnye umntu.
4. Xelela abafundi ukuba bafanele ukuzoba umfanekiso wesivakalisi.
5. Cela amavolontiya ama 2-3 bathethe ngento abazakubhala ngayo.
6. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala.
7. Xa abafundi bebhala hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
8. Xa uhamba –hamba, KHUTHAZA ABABHALI.
9. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Example



UShamiso utsipele
phezulu, kodwa
akayifumehanga
iphola. Uzive edanile.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



Listening and Speaking

Poster work

IMIDLALO NABAHLOBO

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Discussion

Ingxoxo (Imibuzo neempendulo Ezilindelekileyo)

1. Ucinga ukuba kutheni intombazana ilila nje? (Akukho mntu odlala nayo. / Ilimele.)
2. Bangaphi abantu abadala obabonayo? (4)
3. Yintoni enokwenziwa ngomnye wabantu abadala ukunceda intombazana elilayo? (Amncede afumane umhlobo / abone ukuba wonzakele na.)
4. Yintoni ebonisa ukuba amabala esi sikolo agcinwe ecocekile? (Umgqomo wenkunkuma.)
5. Alazi njani iqela abadlala kulo amantombazana adlala ibhola yomnyazi ? (abanxibe izifuba zeefaskoti / iinvesti eziyimibala ehlukeneyo.)

Iziphumo zesifundo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukubonakalisa:

- Ukuphulaphula ibali.
- Ukuphendula imibuzo elula nembaxa malunga nebali.
- Ukuzoba umfanekiso ozakubonisa inqaku elithile ebalini

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibali elilungisiweyo.

- lincwadi zabafundi.
- likhrayoni.

Inkcazelo Yesifundo:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco bazokuphulaphula kakuhle.
2. Ukuba abafundi bahleli ezitafileni, qinisekisa ukuba akukho nto.
3. Yiba nengxoxo encinane ngebali. Xelela abafundi ukuba uzakubafundela intsomi okanye ibali eliyintsomi.
4. Cacisa ukuba intsomi libali eladluliswa mandulo kodwa aliyonyani.
5. Yalela abafundi ukuba baphulaphule ngenyameko.

UAnansi wayesisigcawu esikhaliphileyo, esinamaqhinga kuye wonke umntu ngalo lonke ixesha. Ngelinye ihlobo, kwakungekho kutya kwaneleyo kusapho lwakhe, ngoko kwanyanzeleka ukuba enze icebo.

UAnansi wayehlala elalini enye negqwirha elalibizwa 'Ntlanu'. Ngenye imini uAnansi weva uNtlanu esithi 'Ndiyalicaphukela igama lam. Ndiyalicaphukela ndizakwenza ummangaliso! Ukuba kukho obiza igama Ntlanu, uyakufa.'

UAnansi wathi Ha, Ha! Ndizakwenza iqhinga lokuba kubekho oyakulibiza igama lakhe ze ndibe nokutya kusapho lwam. Wayezibekele intwana yengqolowa ezenzele izithungu ezihlanu zayo. Wahlala phezu kwesinye isithungu waze wabiza unkosikazi Mvundla. Heyi, nkosikazi Mvundla, Uyayifuna na ingqolowa uphathele abantwana bakho? Nakanjani wavuma unkosikazi Mvundla.

UAnansi wathi kuye, ukuba ungandixelesa ukuba zingaphi izithungu, ndiyakukunika esinye sazo!'

Unkosikazi Mvundla inye-zimbini-zintathu-zine-zintlanu. Xa esithi ziNtlanu- igama le gqwirha wafa.

UAnansi wathatha uMvundla wagoduka nawo kunkosikazi wakhe ukuya kupheka. Baba nokutya kweeveki ezintlanu. Kodwa xa ukutya kwakusiya kuphela, wacinga ngokuliphinda iqhinga lakhe. Ngeli lixa unkosikazi Qaqa wafika. UAnansi ehleli phezu kwesinye sezithungu zengqolowa, wathi 'Heyi nkosikazi Qaqa! Awuyifuni ingqolowa uphathele abantwana? Nakanjani unkosikazi Qaqa wavuma.

UAnansi wamxelela ukuba, xa ungandixelesa ukuba zingaphi ezizithungu zengqolowa zilapha ndiyakukunika zonke!'

Unkosikazi Qaqa wabala inye-mbini-ntathu-ne-ntlanu, xa athi Ntlanu igama le gqwirha wafa.

UAnansi wathatha iqaka walisa enkosikazini yalipheka. Babanokutya iiveki ezintlanu, kodwa ukutya xa kuphelayo, uAnansi wagqiba ekubeni aliphinde iqhinga. Ngeli tyeli unkosikazi Rhanisi wayemazi uAnansi wayenamaqhinga wazibuza ukuba uphezu kwantoni xa embuza. Awuyifuni na ingqolowa uphathele abantwana? Ewe wavuma unkosikazi uRhanisi kodwa wayelumkele amaqhinga ka Anansi.

Ehleli kwisithungu esinye wamxelela ukuba ofanele ukwenze kukundixelesa ukuba zingaphi izithungu zengqolowa ezilapha ze uthathele abantwana bakho isithungu

*'Unkosikazi Rhanisi wancuma wabala, inye-zimbini-zintathu-zine nesi uhleli kuso!
UAnansi wavutha ngumsindo watsiba ekhwaza. Sidenge ndini! Awulazi inani elilandela
u-ne? Ubufanele uthi Ntlanu akulibiza igama le gqwirha wafa!'*

*Ngoku unkosikazi Rhanisi wayemgatyile umntu onamaqhinga!!'
Unkosikazi umfumene umntu onamaqhinga.
Ngoku unkosikazi Rhanisi waba nezithungu ezininzi ukuzisa kusapho lwakhe?*

6. Yiya kumanqaku abalulekileyo ebali nabafundi.
7. Xelela abafundi ukuba ngoku bazakuzoba umfanekiso wento okanye umntu osebalini. Bafanele ukuzama babalise indawo / bakuxoxele ngebali besebenzisa imifanekiso – le mifanekiso ifanele ukuba icace kwaye ibeneenkukacha ezibonakalayo.
8. Xelela abafundi bavule iincwadi zabo kwiphepha lokuqala elicocokileyo, kwaye baqale ukuzoba imifanekiso yabo besebenzisa iphepha elipheleleyo.
9. Jikeleza ukhangele ukuba abafundi bakwiphepha elililo, kwaye bazoba umfanekiso ofanelekileyo.
10. Okulandelayo cacisela abafundi ngelixa besebenza ngokuthe cwaka, uza kubabiza etafileni yakho. Bazokukucacisela ukuba bazobe ntoni na.
11. Njengokuba ubiza umfundi ngamnye, mabeze neencwadi zabo zokubhala ukuze uzijonge uzisayine.
12. Buza umfundi ngamnye le mibuzo ilandelayo (iimpendulo ezikwisibiyeli zilungiselelwe utitshala).
 - a. UAnansi wayesisilwanyana esinjani? (sisigcawu)
 - b. Yayingubani igama le gqwirha? (Ntlanu)
 - c. Zingaphi izilwanyana (ezahlukileyo) ezafayo? (Mvundla, Qaqa, Anansi)
 - d. Ngowuphi umhlobo ka Anansi oqhathe uAnansi? (Nkskz. Rhanisi)
 - e. Ingaba ucinga ukuba kwakufanelekile ukuba uAnansi aqhathe abahlobo bakhe ngale ndlela? (Iimpendulo ezahlukileyo zabafundi)
 - f. Yeyiphi indlela ebalulekileyo yokuziphatha ukuze ube ngumhlobo wenene? (bububele, ubuhlobo, uthando, ukuthembeka)
 - g. Ucinga sesiphi isilwanyana esikhaliphileyo? Ngoba? (iimpendulo zabafundi.)

QAPHELA TITSHALA: IMIBUZO a – e: YIMIBUZO YOKUKHUMBULA NGQO IMIBUZO f – g:
YIMIBUZO EMBAXA

13. Chazela abafundi ukuba xa kulandela ilixa lesi 3 ukuphula-phula bonke abafundi bephendula imibuzo ngebali.

Ukuhlola:

1. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo xa uhlola umfundi ngamnye.
2. Rekhodisha iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye aphulaphula nathetha ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Ukuzoba	Umfundi akazobi mfanekiso ngesihloko.	1	Umfundi uzoba umfanekiso ngesihloko. Umfanekiso awunazinkcukacha.	2	Umfundi uzoba umfanekiso oneenkukacha ngesihloko.	3
Umsebenzi: Uphendula imibuzo a-e.	Umfundi uphendula ngaphantsi kwemibuzo emibini ngokuchanekileyo.	1	Umfundi uphendula imibuzo emi 2 – 3 ngokuchanekileyo.	2-3	Umfundi uphendula imibuzo emi 4 – 5 ngokuchanekileyo.	4-5
Umsebenzi: Uphendula imibuzo f - g	Umfundi akaphendulanga nawuphi na umbuzo ngokuchanekileyo.	0	Umfundi uphendula umbuzo omnye ngokuchanekileyo.	1	Umfundi uphendula yomibini imibuzo ngokuchanekileyo.	2

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 1 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **kh, khw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. ikhala	6. khwela
2. kakhulu	7. khwina
3. khetha	8. amakhwenkwe
4. khula	9. ikhwapha
5. ikhulu	10 ikhwelo

Dictation Sentence

Amakhwenkwe akhwele emthini okhula ameva amade nabukhali kakhulu.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye

DBE

Iphepha :16



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Iimvavanyo

Page: 30-31

COMPREHENSION:

Questions

Kubhalwa ntoni namhlanje kwesi sikolo?

Uhleli phi uSipoti?

Ucinga ukuba kutheni uJim ekwazi ukubhala nokufunda kakuhle nje?

Yintoni aqala ngokuyenza uJim phambi kokuba adlale?

Ingaba uyazimisela njengoJim xa usenza umsebenzi wesikolo? Kutheni uzimisela nje?

Answers

Uvavanyo.

USipoti uhleli phantsi.

Kuba wenza umsebenzi wesikolo rhoqo ekhaya. (nayiphi na impendulo efanelekileyo)

Uqala ngokwenza umsebenzi wakhe wesikolo.

Ewe. Impendulo efanelekileyo.

WEEK 6

WE EK

6

If you really want to do something, you'll find a way. If you don't, you'll find an excuse.

Jim Rohn



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **nx**

10 min

Phonic Words

unxaniwe nxiba inxeba inxiwa unxubile



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice


Letter **nx**

30 min

Handwriting Words

nxiba unxaniwe inxanxadi unxibile

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

Linxaniwe inxanxadi.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

usapho luncinci nabantakwabo sibancede



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **nx**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukusebenzisa ikoma kuluhlu
- Ukuchaza intsingiselo yoluhlu njengeqela lezinto ezifanayo

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe
- Iincwadi zabafundi zokubhala neekhrayoni
- Amacwecwe ama 2 amaphepha anesiphumlisi esinye kwiphepha ngalinye
- Iphepha eli 1 elibhalwe igama “no”.

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto engafunekiyo phezu kweedesika

Umfuziselo:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, sizakufunda ngendlela ababhali basebenzisa ngayo IKOMA .
2. Cacisela abafundi ukuba IKOMA isixelela ukuba akhona amanye amagama azayo.
3. Bhala ikoma ebhodini.
4. Yalela abafundi ukuba bazobe ikoma ngeminwe yabo emoyeni.
5. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakusebenzisa iikoma kuLUHLU.
6. Cacisa ukuba uluhlu liqela lezinto ezifanayo.
7. Buza abafundi: Ngubani apha eklasini onegama eliqala

ngonobumba u “m”? (khetha nokuba ngowuphi na unobumba)

8. Vumela abafundi babize amagama abafundi abanagama eliqala ngo “m.”
9. Khetha abafundi abane baze ngaphambili eklasini (umzekelo, uMpho, uMarie, uMoses, uMoleboheng)
10. Cacisa ukuba sizakwenza ULUHLU lwabafundi abanagama aqala ngonobumba u “m.”
11. Cacisa ukuba xa sisenza uluhlu, igama ngalinye lizakuba neKOMA emva kwalo ngaphandle kwegama lokugqibela.
12. Cacisa kubafundi ukuba u “no” ufanele ukubhalwa phambi kwento yokugqibela eluhlwini.
13. Cacisela abafundi ukuba ayibhalwa IKOMA kwakunye no NO ecaleni kwayo.
- Umzobo wakho nezivakalisi ezibini zangoLwesibini, zibhalwe ebhodini

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwetafile.
3. La magama alandelayo, ebhalwe ebhodini:
yekelela
phonononga
phanda
phumla

Umfuziselo:

1. NgoLwesibini, besisebenzisa ubuchule neengqikelelo zethu xa besicinga ngeendawo esinokuya kuzo xa besinokuya naphi na.
2. Xelela abafundi ukuba namhlanje, sizakufakela isivakalisi esinye sicacise into ebesinokuyenza xa


besinokuya kwindawo eyodwa.

3. Khomba amagama owabhale ebhodini.
4. Cacisa ukuba la magama asetenziswa xa kuchazwa izinto esinqwenela ukuzenza xa sisiya naphi na. Nika intsingiselo yegama ngalinye.
5. Yithi: Namhlanje sizakubhala ngento esinqwenela ukuyenza kwindawo yethu eyodwa.
6. Xelela abafundi ukuba bafunde imibhalo yabo kuba ABABHALI BAFUNDA IMIBHALO YABO.
7. Khomba umfanekiso wakho wangoLwesibini. Fundela ikhosi izivakalisi ngokuvakalayo.
8. Cacisa ukuba uzakufakela isivakalisi esitsha ngoku.
9. Cacisa ukuba unqwenela ukuphonononga inyanga.
10. Bhala isivakalisi: Ndingwenela ukuphonononga inyanga.
11. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
12. Sebenzisa UMFUZELO xa ubonisa abafundi indlela yokufakela isivakalisi.
13. Cacisa ukuba xa abafundi benexesha, bangongeza esinye isivakalisi.
14. Yithi: Ndingwenela ukuphanda ukuba kunjani na ukubaleka nokutsiba enyangeni.
15. Yithi: Ndingaphanda ukuba kudlalwa njani na enyangeni.
16. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
17. Sebenzisa UMFUZELO xa ubonisa abafundi indlela yokufakela isivakalisi.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi ukuba batyhile imizobo yangoLwesibini.
3. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakufunda imibhalo yabo kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
4. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukufakela isivakalisi esinye okanye ezibini ngezinto abanqwenela ukuzenza kule ndawo intsha.
5. Ekupheleni kwesifundo, yalela abafundi ukuba BAFAKELE amagama abonakalisa iimvakalelo KWIZICHAZI MAGAMA ZABO.
6. Xa abafundi bebhala, hamba hamba ekhasini UBAKHUTHAZE.
7. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Example



Ndingwenela ukuya enyangueni.
Ndifuna ukuya enyangueni
kuba ndifuna ukukhwela
isiphekepheke. Ndinga
ukuba inyanga ikhangeleka
intle. Ndingwenela
ukuyiphonononga inyanga.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



Listening and Speaking

Poster vocabulary

UKUTYA OKUSEMPILWENI,
NENTLALO ESEMPILWENI

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Vocabulary

Isigama (Uluhlu lwesigama esitsha)

1. Umbona
2. Ipleyiti
3. Isitya
4. Ucingo / uthango
5. Umnyango

Iziphumo zesifundo:

- Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukubonakalisa:

Ukuphulaphula ibali elinesiqalo, isiqu nesiphelo.

- Ukulandelelanisa uluhlu lwemifanekiso.
- Ukubalisa ibali kwakhona bengababini, bechonga isiqalo, isiqu nesiphelo.

Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibali elilungisiweyo
- Iincwadi zabafundi
- Izikere nezincamathiseli / iiglu.

Inkcazelo yesifundo:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli ezidesikeni, qinisekisa ukuba akukho zinto phezu kwazo eziya kuba phazamisa.
3. Fundela okanye ubalisele abafundi eli bali lilandelayo

Abafundi bebefikele kwiqondo lokwanela nguBenny. Ebekuthanda kakhulu ukusela isiselo sakhe esihlwahlwazayo. Bekubonakala ngathi unamagunya angawakhe xa kuthe kwabakho ophethe isiselo esihlwahlwazayo esikolweni. Ebesoloko efuna ukuba lowo uzenaso ukuba amnike akhe arhabule kancinci, ebesithi akuyinikwa ayithathele kuye asele oko engasafuni ukuyibuyisela kumnikazi wayo. Eyona ngxaki ibikukuba maxa wonke athe wafumana esi siselo, ebebaleka ejikeleza igumbi lonke esenza izinto ezingalunganga, lo nto ibimenza utitshalakazi wethu achaphuke kakhulu.

Abafundi bagqiba kwelokuba babeneqhinga lokususa esi simo sakhe. Bachola ikhoba lesiselo esingenanto. UThato walithatha wagoduka nalo, wafika wenza iti emnyama ngamandla. Waze wayigalela kwikhoba elo. esiselo eso. Wajonga umbala waso waze wafumanisa ifana kanye neyesiselo eso.

Ngosuku olulandelayo wabeka isiselo eso ecaleni kwesidlo sakhe sasemini. Kwangoko u Benny wasiqaphela. Ngexesha lesidlo sasemini u Benny wasondela kuThato eyokucela amselise. Wamnika kwangoko ngomzimba ongenaxhala. Wasithatha uBenny wasela ithamo elikhulu lagcwelisa umlomo. Okulandelayo wabaleka egqiba yonke indawo esikhupha. "Yhuuu yaze yambi le nto ndiyiselayo! Yintoni yona?" Abafundi baphakama bonke ngovuyo bemhleka. Wathi uBenny 'Undiqhathile wadlala ngam!'

'Hayi' Watsho uThato' Akekho umntu ebethe sisiselo esihlwahlwazayo esi, wena uzicingele ukuba sisol!'

Ukuba kunjalo ndiyakuzifundisa ukuba ndiqaphele phambili kokuba ndisele kwakhona,' wahleka u Benny.

4. Nika umfundi ngamnye icwecwe lokubhalela / iphepha lokusebenzela okanye
 - a. Abafundi mababhale lo msebenzi kwi NCWADI ZABO ZOKUBHALA.
5. Nika abafundi le miyalelo ilandelayo:
 - a. Bhalani umhla kwiincwadi zenu.
 - b. Faka inani elililo kumfanekiso onguwo usebenzisa amanani 1, 2 kwakunye no 3.
 - c. Sika umfanekiso ngamnye.
 - d. Ncamathisela umfanekiso onguwo ngaphantsi komnye ngendlela echanekileyo.
6. Ngoku cacisela abafundi ukuba ngethuba besebenza ngokuzolileyo, uyakubabizela kuwe
7. Ngethuba ubizela kuwe esi sibini kwitafle yakho, bayalele beze neencwadi zabo kuwe 3. Njengoko isibini size kuwe etafileni, bayalele bakubalisele ukulandelelana kwemifanekiso
8. Ngoku cacisela abafundi ukuba ngethuba besebenza ngokuzolileyo, uyakubabizela kuwe ngababini bazokubalisela ngokuncinci malunga nebali.
9. Ngethuba ubizela kuwe esi sibini kwitafle yakho, bayalele beze neencwadi zabo kuwe ukukhangela abakubhalileyo ufake isiqinisekiso/ uphawule okanye usayine.
10. Njengoko isibini size kuwe etafileni, bayalele bakubalisele ukulandelelana kwemifanekiso yebali, bacele balibalise kwakhona ibali.
11. Banike amathuba okuthetha ngolu hlobo lulandelayo:

- Cela umfundi omnye abalise ngesiqalo sebali.
- Cela umfundi wesibini abalise ngesiqu sebali.
- Cela umfundi wokuqala abalise ngesiphelo sebali.
- Cela umfundi 2 axele ukuba umfundi 1 ubalise isiphelo ngokuchanekileyo na.

Ukumaka

- Sebenzisa irubhrikhi elandelayo xa uhlola umfundi ngamnye.
- Phawula / Rekhodisha iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
- Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye aphulaphula nathetha ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Izakhono zokuthetha	Umfundi akavakali xa ethetha okanye ushukuma kakhulu.	1	Umfundi uyavakala xa ethetha kwaye uzolile amaxesha amaninzi.	2	Umfundi uthetha cacileyo, ngokuvakalayo kwaye ubonakalisa imvakalelo ethile Umfundi akagungqi tu.	3
Umsebenzi: Ukulandelelanisa	Imifanekiso ayilandelelani ngokuchanekileyo.	0	Imifanekiso ilandelelana ngokuchanekileyo.	1		
Umsebenzi: Ukulandelelanisa	Umfundi akakwazi ukuchonga aze abalise inqaku lebali ngokuchanekileyo.	1-2	Umfundi uchonga ngokuchanekileyo inqaku elithile ebalini, kodwa ushiya ezinye iinkcukacha xa ebalisa ibali.	3-4	Umfundi uchonga inqaku elithile ebalini aze abalise ibali elo neenkukacha zalo.	5-6

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 1 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **mm, mb**

20 min

Spelling Test	Date:
1. mmeme	6. imbali
2. mmise	7. umbona
3. mmele	8. iimbambo
4. ummemezi	9. imbeko
5. ummango	10. imbizo

Dictation Sentence

Ummeme wambalisela ngembali yosapho kwimbizo yommango abahlala kuwo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye
DBE
Iphepha :25



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sikhathalela izilo qabane zethu

Page: 46-47

COMPREHENSION:

Questions

Ubona ntoni kumfanekiso osezantsi ngasekhohlo kwiphepha 46?

Ucinga ukuba kutheni kukho umbhobho kwimpompo?

Kwenzeka ntoni kumfanekiso ongentla?

Fakela izininzi zala magama:inja, ikati.

Kwenzeka ntoni kumfanekiso okwiphepha 47 phezulu ngasekhohlo?

Answers

Ikati isemthini,inja ifuna ukukhwela emthini.

Bafuna amanzi okugalela ebhafini.

Kuhlanjwa inja ebhafini.

Izinja, iikati.

Bothula ikati emthini besebenzisa ileli.

WEEK 10

10

WEEK

Education breeds confidence. Confidence breeds hope. Hope breeds peace. **Confucius**



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **ty**

10 min

Phonic Words

ukutya itya iyetyisa tyebisa isityebi



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **ty**

30 min

Handwriting Words

ukutya itya iyetyisa isityebi

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

Inkomo yesityebi iyetyisa.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



Shared Reading

Pre-read

15 min

Look And Say Words

kufanele ukuphuma siyakhuphisana wayiphosa



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

DBE workbook

Sound **ty**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE
Amaphepha: 47,89



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



Writing

30 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuzoba umfanekiso ukudlulisa umyalezo
- Ukubhala izivakalisi ezithathu ubuncinane ngeendaba zabo
- Ukubhala awabo amagama ngezandi ezifundiweyo
- Ukwakha izichazi magama zabo

Izixhobo Ezifunekayo

- Ibhodi netshokhwe
- Incwadi neekhrayoni zabafundi

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Bhala ebhodini:

Uhambo olungaqhelekanga / Adventure:
okwenza izinto ezinika umdla, ezonwabisayo nezingaqhelekanga.

Umfuziselo:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, abafundi bazakubhala ngendlela ENOBUCHULE/ CREATIVE .
2. Buza abafundi: Ingaba uyakhumbula ukuba “ubuchule” buthetha ntoni?
3. Vumela abafundi banikele ngezimvo zabo.
4. Khumbuza abafundi ukuba ubuchule buthetha ingqikelelo neengcinga zakho oziyilileyo.

5. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakucinga
NGOHAMBO OLUNGAQHELEKANGA
abalunqwenelayo.
6. Cacisa ukuba UHAMBO OLUNGAQHELEKANGA kuxa
sisenza izinto ezinika umdla nezingaghelekangaCacisa
ukuba abafundi babonakalise ubuchule baze
basebenzise ingqikelelo nengcinga zabo – banga
NANTONI na abayifunayo!
7. Cacisa ukuba uza kucinga ngento eyenzeke kuwe
phambi kokuba ubhale, kuba ABABHALI BAYACINGA
PHAMBI KOKUBA BABHALE.
8. Yithi: Ukuba bendinokuba nohambo olungaqhelekanga,
ndingahamba ngebhaluni yomoya oshushu ukusuka
ekhaya ukuya eAustralia.
9. Yithi: Anadizange ndakhwela kwibhaluni yomoya
oshushu ngoko ke kuzakufuneka ndisebenzise
iingcinga nengqikelelo yam ukucinga ukuba kunganjani
na.
10. Sebenzisa UMFUZI SELO ukubonisa indlela yokubonisa
ubuchule nokusetyenziswa kweengcinga nengqikelelo.
11. Cacisa ukuba namhlanje, ababhali bazakufakela
amagama kwimizobo yabo, kuba ABABHALI
BATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
12. Namhlanje sizakubhala izivakalisi ezithathu ngendawo
esinqwenela ukuya kuyo, nesizathu esibangela ukuba
sinqwenele ukuya apho.
13. Cacisa ukuba namhlanje uzakubhala: Ukuba
ndinganohambo olungaqhelekanga, ndingahamba
ngebhaluni yomoya oshushu. Ndingaphezulu
kwisibhakabhaka kwibhaluni yam. Ndingahamba ndiye
eAustralia kwibhaluni yam yomoya oshushu.
14. Cacisa ukuba abafundi BAZAKUSEBENZISA
IINKUMBULO ZABO ukubhala amagama abawaziyo.
15. Cacisa ukuba abafundi bangasebenzisa IZIXHOBO,
ezifana nezichazi magama zabo.
16. Abafundi BAZAKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA
NJENGOFUDO babhale zonke izandi abazivayo.
17. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
18. Sebenzisa UMFUZI SELO ukubonisa ababhali indlela
YOKUSEBENZISA IINKUMBULO, IZIXHOBO BABIZE
AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO baze
babhale zonke izandi abazivayo.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. Yithi: Ngoku lithuba lenu lokuba ngababhali.
2. Namhlanje uzakubonakalisa ubuchule. Uzakubhala
ngohlobo lohambo olungaqhelekanga olunqwenelayo.
3. Namhlanje NIZAKUCINGA PHAMBI KOKUBA
NIBHALE.

4. Khumbula ukubonakalisa ubuchule nengqikelelo kwiingcinga zakho. Ungacinga NANGANTONINA onqwenela ukuyenza!
5. Cela abafundi bavale amehlo bacinge.
6. Cela abafundi aba 2-3 babelane ngeengcinga zabo neklasi.
7. Nceda abafundi ngeendawo ezingaliqhelekanga. Buza abafundi ukuba KUTHENI bekhetha ngohlobo abakhetha ngalo.
8. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
9. Xeleta abafundi BAFAKELE “ iindawo ezingaqhelekanga” KWIZICHAZI MAGAMA ZABO.

Okubhalwayo:

1. Xeleta abafundi batyhile kwiphepha elilandelayo nelingabhalwanga balungiselele amabali abo.
2. Hamba hamba eklasini ukhangele ukuba abafundi batyhile kwiphepha elililo na.
3. Xeleta abafundi baqale ukuzoba imifanekiso yabo.
4. Khumbuza abafundi ukuba babhale NGOHAMBO OLUNGAQHELEKANGA abalunqwenelayo.
5. Khumbuza abafundi bazame bafakele izivakalisi ezithathu ubuncinane kwimifanekiso yabo besebenzisa izandi abazaziyo, kuba ABABHALI BATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
6. Khumbuza abafundi ukuba BASEBENZISE IINKUMBULO ZABO, BASEBENZISE IZIXHOBO ZE BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO ze babhale zonke izandi abazivayo.
7. Hamba hamba eklasini WENZE UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
 - a. Nceda abafundi BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO ze babhale zonke izandi abazivayo.
 - b. Cela abafundi BAKUFUNDELE IMIBHALO YABO.
8. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI.
9. Xa abafundi bebezobe imizuzu engama 20, baxecele bayeke ukuzoba. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Ukumaka:

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama:Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

WEEK 10 TUESDAY

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Fakela amagama kwisichazi magama sakho	Umfundi akafakelanga magama kwisichazi magama sakhe OKANYE ufakele igama kwindawo engeyiyo.	0	Umfundi ufakele igama kwindawo eyiyo kwisichazi magama sakhe.	1		
Ubhala izivakalisi ezithathu	Umfundi akabhalanga zivakalisi zibini OKANYE izivakalisi aziphelelanga.	1	Umfundi ubhala izivakalisi ezibini ezipheleleyo ubuncinane.	2	Umfundi ubhala izivakalisi ezithathu ezipheleleyo ubuncinane.	3
Umfundi usebenzisa ubuchule nengqikelelo	Umfundi ukope ebhodini okanye komnye umfundi.	1	Umfundi usebenzise ingqikelelo ethile ukucinga ngendawo yokutyelela. Umbhalo womfundi awubonakalisi iingcinga ezizezakhe.	2	Umfundi usebenzise ingqikelelo ukucinga ngendawo yokutyelela. Umbhalo womfundi uneengcinga ezonwabisayo nezizezakhe.	3
Ukubhala amagama esebenzisa izandi zoonobumba abafundisiweyo.	Umfundi akazamanga ukufakela amagama kumzobo wakhe.	1	Umfundi ufakele oonobumba kumzobo wakhe. Oonobumba bangangahambelani nezandi zegama.	2	Umfundi ubize izandi zamagama esebenzisa izandi zoonobumba ezifundisiweyo. Amagama asephepheni abonisa ukuba umfundi ubize igama ngokucutha waze wabhala izandi azivileyo.	3


Example

Uu

Uhambo olungaqhelekanga:
ukwenza izinto ezinika umdla,

ezohwabisa


nezingaqhelekanga.



Ezinje ngokukhwela

kwibhaluni yomoya oshushu!

Example



Ukuba bendinokuthatha uhambo
olungaghelekanga, ndingahamba ngebhulani
enomoya oshushu.

Ndiphezula kwibhulani yomoya oshushu
kwisibhakabhaka. Ndingahamba ndiye
eAustralia!



Group Guided Reading
Paired / Independent Reading



Group **4**
15 min



Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1
Title: Senza imithambo
Page: 54-55



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound

Sound **ty**

10 min

Phonic Words

utyebile ityuwa tyala ityala ityesi



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



Handwriting

Handwriting practice

Letter **ty**

15 min

Handwriting Words

ityuwa tyala ityala ityesi

Handwriting Pattern:



Handwriting Sentence:

Umfuji utyale imfuyo kumhlaba otyebileyo.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Senza imithambo

Page: 54-55



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Own choice

Sound **ty**

10 min



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



Writing

15 min

Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuzoba umfanekiso ukudlulisa umyalezo
- Ukubhala izivakalisi ezithathu ubuncinane ngeendaba zabo
- Ukubhala awabo amagama ngezandi ezifundiweyo
- Ukwakha izichazi magama zabo

Izixhobo Ezifunekayo

- Iincwadi zabafundi ezinemizobo yangoLwesibini.
- Umzobo wakho nezivakalisi ezibini zangoLwesibini, zibhalwe ebhodini.

Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. La magama alandelayo, ebhalwe ebhodini:
eyonwabisayo
engaqhelekanga
enobungozi

Umfuziselo

1. NgoLwesibini, sibonise ubuchule sasebenzisa iingcinga zethu sacinga NGOHAMBO OLUNGAQHELEKANGA esilunqwenelayo.
2. Cacisa ukuba, namhlanje sizakufakela isivakalisi esinye sisebenzisa ISICHAZI / ISIPHAWULI ukuchaza


uhambo olungaqhelekanga.

3. Khomba amagama owabhale ebhodini.
4. Cacisa ukuba la ngamagama achaza uhambo olungaqhelekanga. Nika intsingiselo yegama ngalinye.
5. Cacisa ukuba sizakubhala ngendlela uhambo olungaqhelekanga esifuna lube lulo.
6. Xelela abafundi ukuba kufuneka bafunde imibhalo yabo kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
7. Khomba kumfanekiso wakho wangoLwesibini. Fundela ikhosi izivakalisi ngokuvakalayo.
8. Cacisa ukuba uzakufakela isivakalisi esitsha ngoku.
9. Cacisa ukuba uhambo lwakho luzakuba lolungaqhelekanga.
10. Bhala isivakalisi: Uhambo lwam / my adventure luzakuba lolungaqhelekanga kuba uMzantsi Afrika ukuya eAustralia luhambo olude kakhulu ngebhaluni enomoya oshushu!
11. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
12. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokufakela isivakalisi.
13. Cacisa ukuba xa abafundi benalo ixesha, bangongeza esinye isivakalisi.
14. Fakela: Uhambo lwam luzakuba lelonywabisayo kuba ndizakubona ilizwe ndisesibhakabhakeni!
15. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
16. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokufakela isivakalisi.

Imiyalelo Ye-Orali:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Cela abafundi batyhile imizobo yangoLwesibini.
3. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakufunda imibhalo yabo kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
4. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukufakela isivakalisi esinye okanye ezibini ngendlela uhambo lwabo abanqwenela lube yiyo.
5. Ngasekupheleni kwesifundo, cela abafundi BAFAKELE izichazi KWIZICHAZI MAGAMA ZABO.
6. Xa bebhala abafundi, hamba hamba wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
7. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

Example



Ukuba bendinokuthatha uhambo
olungaqhelekanga, ndingahamba ngebhulani
yomoya oshushu. Ndiphezula kwibhulani
enomoya oshushu kwisibhakabhaka.
Ndingahamba ndiye eAustralia!
Uhambo lwam luzakungqheleki kuba
uhambo oluya eAustralia ukusuka
eMzantsi Afrika ngebhaluni yomoya
oshushu lude kakhulu.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



Listening and Speaking

Poster discussion

UKUTYA OKUSEMPILWENI,
NENTLALO ESEMPILWENI

5 min

Assessment activity

25 min

Poster Discussion

Ingxoxo (Imibuzo Neempendulo Ezilindelekileyo)

1. Kukho umntwana omnye owonqenayo kulo mfanekiso. Ucinga ukuba ngubani? Kutheni ucinga njalo nje? (Umntwana olele ekiliveni uyonqena. Ebenokunceda egadini.)
2. Kwenzeka ntoni kweli bala liphambi kwendlu? (Amanenekazi anika abantwana ukutya.)
3. Nika igama lesilwanyana esirhubuluzayo esifana nezixhobo zegadi esisecaleni kwempompo. (Inyoka)
4. Ucinga ukuba uthango emacaleni egadi lufakelwe ntoni? (Ukunqanda izilwanyana /abantwana bangatshabalalisi / bangamoshi igadi.)
5. Ungakunqwenela ukutyala ukhulise okwakho ukutya? Nika isizathu xa uthe ewe okanye hayi? (Impendulo efanelekileyo.)

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 3 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

Spelling test

Sound **ty**

20 min

Spelling Test	Date:
1. ukutya	6. utyebile
2. itya	7. ityuwa
3. iyetyisa	8. tyala
4. tyebisa	9. ityala
5. isityebi	10. ityesi

Dictation Sentence

UTyamzashe usisityebi esityala izityalo ezityebisayo.
Ufaka izityalo zakhe etyesini.



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



Writing

DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye
DBE
Iphepha :28



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo sesi 4 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1
Title: Senza imithambo
Page: 54-55

COMPREHENSION:
Questions
Yintoni ekufanele ukuba yenziwe ngabafundi?
Bathanda ukudlala nini abafundi?
Bhala imidlalo emibini ethandwa nguBongi.
Uwudlala ngeziphi iintsuku umdlalo womnyazi uAnn?
Kwenzeka ntoni ngenye imini xa uBongi noAnn bedlala ibhola?
Answers
Abafundi bafanele ukuba badlale.
Bathanda ukudlala xa kuphuma isikolo.
Ukubaleka nebholo yomnyazi.
UAnn uwudlala ngoMvulo nangoLwesine.
UBongi waphosa ibhola kude, yaze yabetha ifesitile ye ofisi.

WEEK 11

1 WEEK

It does not matter how slow you
go. As long as you do not stop.



Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



Phonics

New sound
Spelling words

Sound **th**

10 min

Phonic Words

thatha thetha thuma thoba thula



Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



Handwriting

Handwriting
practice

Letter **th**

30 min

Handwriting Words

thatha thetha thuma thula

Handwriting Pattern:

~~~~~

## Handwriting Sentence:

Isithethi sithetha ngesikolo sabantwana.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



## Shared Reading

Pre-read

15 min

## Look And Say Words

utitshala sithanda ndiwuthandayo yomnyazi



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound **th**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE  
Amaphepha: 15, 49,



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



## Writing

30 min

### Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuzoba umfanekiso ukudlulisa umyalezo
- Ukubhala izivakalisi ezithathu ubuncinane ngeendaba zabo
- Ukubhala amagama besebenzisa izandi ezifundisiweyo

### Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi netshokhwe
- Incwadi neekhrayoni zabafundi

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.

### Umfuziselo:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, abafundi bazakucinga NGEKOTA yabo YOKUQALA YEBANGA YESIBINI.
2. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakucinga ngazo zonke izinto abazifunde kwibanga 2.
3. Bazakucinga ngezinto ezimbini okanye ezintathu abazifundileyo.
4. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
5. Sebenzisa UMFUZELO ukuzoba umfanekiso ngokukhawuleza ze uxelele abafundi ngento ozakubhala ngayo.

6. Cacisa ukuba namhlanje, ababhali bazakufakela amagama kwimizobo yabo, kuba ABABHALI BATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
7. Namhlanje sizakubhala izivakalisi ezithathu ngezinto esizifundileyo.
8. Sebenzisa UMFUZI SELO ukubhala: Ndifunde izinto ezininzi kwiBanga 2. Ndifunde ukubhala igama: indlovu. Ndifunde nangeempawu zesikhuzo. Ndide ndafunda ngendlela yokusebenzisa isiphumlisi / ikoma!
9. Cacisa ukuba abafundi BASEBENZISA IINKUMBULO ZABO ukubhala amagama abawaziyo.
10. Cacisa ukuba abafundi bangaSEBENZISA IZIXHOBO, ezifana nezichazi magama zabo.
11. Abafundi BAZAKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO ze babhale izandi abazivayo.
12. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
13. Sebenzisa UMFUZI SELO ukubonisa abafundi indlela YOKUSEBENZISA IINKUMBULO, UKUSEBENZISA IZIXHOBO NOKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO ze babhale zonke izandi abazivayo.

### Imiyalelo Ye-Orali:

1. Yithi: Ngoku lithuba lenu lokuba ngababhali.
2. Namhlanje UZAKUCINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
3. Cinga ngazo zonke izinto ozifunde kule kota. Yintoni eyona nto othande ukuyifunda?
4. Cela abafundi bavale amehlo bacinge.
5. Cela abafundi aba 2-3 babelane ngezimvo neklasi.
6. Nceda abafundi bacinge ngabakufundileyo.

### Okubhalwayo:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Xelesa abafundi batyhile iincwadi zabo kwiphepha elilandelayo elingabhalwanga bazobhala amabali abo.
3. Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi batyhile kwiphepha elililo.
4. Xelesa abafundi baqalise ukuzoba imifanekiso yabo.
5. Khumbuza abafundi ukuba kufuneka babhale ngabakufundileyo kule kota.
6. Khumbuza abafundi bazame ukufakela izivakalisi ezithathu ubuncinane besebenzisa izandi abazaziyo, kuba ABABHALI BATHANDA UKUFAKELA AMAGAMA.
7. Khumbuza abafundi BASEBENZISE IINKUMBULO, BASEBENZISE IZIXHOBO BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO ze babhale zonke izandi abazivayo.
8. Hamba hamba eklasini WENZE UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
  - a. Nceda abafundi BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO ze babhale zonke

izandi abazivayo.

- b. Cela abafundi bakufundele imibhalo yabo, kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
9. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI.
10. Xa abafundi bezobe kanga ngemizuzu engama 20, baxebele bayeke ukuzoba. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

## Ukumaka:


1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama:Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

| Inqanaba Lokuhlola                                            | Usebenza ngokungekanelisi                                                                   |   | Usebenza ngokwanelisayo                                                              |   | Usebenza ngokugqwesileyo                                                                                                                                                   |   |
|---------------------------------------------------------------|---------------------------------------------------------------------------------------------|---|--------------------------------------------------------------------------------------|---|----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|---|
| Fakela amagama kwisichazi magama sakho                        | Umfundi akafakelanga magama kwisichazi magama sakhe OKANYE ufakele igama kwindawo engeyiyo. | 0 | Umfundi ufakele igama kwindawo eyiyo kwisichazi magama sakhe.                        | 1 |                                                                                                                                                                            |   |
| Ubhala izivakalisi ezithathu                                  | Umfundi akabhalanga zivakalisi zibini OKANYE izivakalisi aziphelelanga.                     | 1 | Umfundi ubhala izivakalisi ezibini ezipheleleyo ubuncinane.                          | 2 | Umfundi ubhala izivakalisi ezithathu ezipheleleyo ubuncinane.                                                                                                              | 3 |
| Usebenzisa ubuchule                                           | Umfundi ukope ebhodini okanye komnye umfundi.                                               | 1 | Umfundi unengcinga engundoqo. Umfundi ubonakalisa ubuchule xa ezoba naxa ebhala.     | 2 | Umfundi uneengcinga ezingundoqo nezinobuchule. Umfundi ubonakalisa ubuchule neengcinga ezizezakhe xa ezoba naxa ebhala isivakalisi.                                        | 3 |
| Ukubhala amagama esebenzisa izandi zoonobumba abafundisiweyo. | Umfundi akazamanga ukufakela amagama kumzobo wakhe.                                         | 1 | Umfundi ufakele oonobumba kumzobo wakhe. Oonobumba bangangahambelani nezandi zegama. | 2 | Umfundi ubize izandi zamagama esebenzisa izandi zoonobumba ezifundisiweyo. Amagama asephepheni abonisa ukuba umfundi ubize igama ngokucotha waze wabhala izandi azivileyo. | 3 |

Example

Ii

Iindlovu:




Umfuniselo: xa useza into entsha  
ukukhangela ukuba kuzakwenzeka ntoni

nd.

Ndenza imifuniselo kwizifundo  
zenzululwazi.

## Example



Ndifunde izinto ezininzi kwibanga 2.  
Ndifunde ukubhala igama elithi  
indlovu. Ndifunde nangeempawu  
zesikhuzo. Ndifunde nangendlela  
yokusebenzisa iimpawu zesikhuzo.  
Ndide ndafunda ngendlela  
yokusebenzisa isiphumlisi.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4  
15 min



## Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1  
Title: Senza imithambo  
Page: 54-55



## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound

Sound **th**

10 min

## Phonic Words

ithuba thanda izithuba thethela ithemba



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter **th**

15 min

## Handwriting Words

ithuba thanda izithuba thethela ithemba

## Handwriting Pattern:



## Handwriting Sentence:

UThandile uthanda ukudlala iqakamba.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



## Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Senza imithambo

Page: 54-55



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

Own choice

Sound **th**

10 min



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



## Writing

15 min

### Iinjongo

#### Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuzoba umfanekiso ukudlulisa umyalezo
- Ukubhala izivakalisi ezithathu ubuncinane ngeendaba zabo
- Ukubhala amagama besebenzisa izandi ezifundisiweyo

#### Izixhobo Ezifunekayo:

- Iincwadi ezinemizobo yabafundi yangoLwesibini
- Umzobo wakho nezivakalisi ezibini zangoLwesibini, zibhalwe ebhodini

#### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.

#### Umfuziselo:

1. NgoLwesibini, sibhale NGEKOTA YETHU YESIBINI KWIBANGA 2.
2. Cacisa ukuba, namhlanje sizakufakela isivakalisi esinye ukuchaza indlela esivakalelwa ngayo xa sifunda into entsha!
3. Xelela abafundi ukuba kufuneka bafunde imibhalo yabo kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
4. Khomba kumfanekiso wakho wangoLwesibini. Fundela ikhosi izivakalisi ngokuvakalayo.
5. Cacisa ukuba uzakufakela isivakalisi esitsha ngoku.

6. Cacisa ukuba uziva ukrelekrele xa ufunda into entsha.
7. Bhala isivakalisi: Ndiziva ndikrelekrele.
8. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
9. Sebenzisa UMFUZELO ukubonisa abafundi indlela yokufakela isivakalisi.
10. Sebenzisa UMFUZELO UKUSEBENZISA IINKUMBULO ZAKHO, UKUSEBENZISA IZIXHOBOKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO.
11. Cacisa, xa benalo ixesha abafundi, bangafakela esinye isivakalisi.


**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Yithi: Ngoku lithuba lenu lokuba ngababali.
2. Namhlanje UZAKUCINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
3. Cinga ngendlela ovakalelwa ngayo xa ufunda into entsha.
4. Cella abafundi bavale amehlo bacinge.
5. Cella abafundi aba 2-3 babelane ngezimvo neklasi.
6. Nceda abafundi bacinge ngendlela abavakalelwa ngayo.

**Ukubhala**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Cella abafundi batyhile iincwadi zabo kwimizobo yangoLwesibini.
3. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakufunda imibhalo yabo kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
4. Cacisa ukuba abafundi bazakufakela isivakalisi esinye okanye ezibini ngendlela abaziva ngayo xa befunda into entsha.
5. Xa bebhala abafundi, hamba hamba UKHUTHAZE ABAFUNDI.
6. Xa kusele imizuzu emi 5, yalela abafundi BAYEKE UKUBHALA ze BAJIKE BATHETHE nomlingane ngabakufundileyo.

Example



Ndifunde izinto ezininzi kwibanga 2.  
Ndifunde ukubhala igama elithi  
indlovu. Ndifunde nangeempawu  
zesikhuzo. Ndifunde nangendlela  
yokusebenzisa iimpawu zesikhuzo.  
Ndide ndafunda ngendlela  
yokusebenzisa isiphumlisi. Ndiziva  
ndikrelekrele ngoku!



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8  
15 min



## Listening and Speaking

### Poster vocabulary

UKUTYA OKUSEMPILWENI,  
NENTLALO ESEMPILWENI

5 min

### Assessment activity

25 min

## Poster Vocabulary

Isigama (Uluhlu lwesigama esitsha)

1. Isidlo sasemini
2. Unogadi
3. uluvo / inkangeleko
4. Ikiliva
5. Isinkcenkcesheli

## UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Abafundi bathatha inxaxheba kwiingoma, imibongo okanye imidlalo.

### linjongo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:

- Ukucula iingoma, bacengceleze imibongo ze badlale nemidlalo.

## linjongo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:

- Ukucula iingoma, bacengceleze imibongo ze badlale nemidlalo.

## Inkcazelo yesifundo:

1. Zama ukukhupha abafundi phandle okanye kwindawo evulekileyo nephangaleleyo ukulungiselela esi sifundo.
2. Khumbuza abafundi ezakulandelwa xa kudlalwa imidlalo naxa kuculwa iingoma:
  - a. Abafundi bafanele ukuthula baze baphulaphule xa uthetha.
  - b. Izandla zabo mazibe semacaleni okanye phezu kwemilenze / laps xa uthetha.
  - c. Mabakujonge xa uthetha.
  - d. Mabavale imilomo bathule xa uthetha.
3. Sebenzisa eli xesha nicule iingoma ezithandwa ngabafundi, bacengceleze imibongo abayithandayo, badlale imidlalo abayithandayo.
4. Xa abafundi bonwabe kakhulu okanye bengazolanga, sebenzisa into ezakubazolisa / 'attention-getter' ukuze bazole. Umzekelo:
  - a. Nye, mbini, amehlo ajonge wena. Nye, mbini, ntathu, amehlo ajonge kum. / 'One, two, eyes on you. One, two, three, eyes on me.'
  - b. Ukuba uyandiva, qhwaba kube kanye. Ukuba uyandiva, qhwaba kathathu, njalo njalo / 'If you can hear me, clap once. If you can hear me, clap three times.' Etc.

**Unezifundo ezibini kulo msebenzi.** Esi sisifundo 1 kwezi 2.

|   |   |
|---|---|
| 1 | 2 |
|---|---|



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

### Spelling test

Sound **th**

20 min

| Spelling Test | Date:       |
|---------------|-------------|
| 1. thatha     | 6. ithuba   |
| 2. thetha     | 7. thanda   |
| 3. thuma      | 8. izithuba |
| 4. thoba      | 9. thethela |
| 5. thula      | 10. ithemba |

### Dictation Sentence

Uthanda ukuthatha izithuthuthu zabantu xa bemthuma.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



## Writing

### DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye

DBE

Iphepha :29



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

### Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 2**

|   |   |
|---|---|
| 1 | 2 |
|---|---|



## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1  
Title: Senza imithambo  
Page: 54-55

| COMPREHENSION:                                                             |
|----------------------------------------------------------------------------|
| <b>Questions</b>                                                           |
| Ngoobani abalinganiswa abaphambili kweli bali?                             |
| Yeyiphi imidlalo othanda ukuyidlala xa uphuma esikolweni?                  |
| Bhala isichasi segama: kude                                                |
| Bhala ezi zivakalisi kwixesha eladlulayo:<br>UAnn uthanda ibhola yomnyazi. |
| UPhila udlala ibhola ekhatywayo.                                           |
| <b>Answers</b>                                                             |
| UAnn noBongi.                                                              |
| Impendulo yomfundi ngamnye.                                                |
| Kufutshane.                                                                |
| UAnn wayethanda ibhola ekhatywayo.                                         |
| UPhila wayedlala ibhola ekhatywayo.                                        |